Isalathiso: 20160518-445
14/16/1/2
Imibuzo: Z Isaacs

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0002/2016

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kwiiNtloko (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kumaSekela Balawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngezeKharityhulam, kuBacebisi ngeZifundo, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoQuquzelelo neNgcebiso ngeze*IMG*, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zokuNika iNkxaso kuBafundi, kuBaququzeleli Bovavanyo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

**Isihloko: Ukulawulwa kokubuyiswa kwezatifikethi ekungakhange kufakwe mabango ngazo kwiminyaka egqithileyo (ukusuka ku-1992 ukuya ku-2014)**

1. Bonke abathathi-nxaxheba, kwaneenqununu zezikolo eziphakamileyo/eziziisekondari kwakunye nabaphathi bamaziko emfundo oluntu (*community learning centres*), mabancede baqaphele ukuba zonke izatifikethi ekungekafakwa mabango ngazo (*unclaimed certificates*) mazifumaneke kwakhona (*retrieved*) zibuyiselwe kwaNdlunkulu, emva kwethuba leenyanga ezilishumi elinesibini (12) zazifunyenwe ngamaziko. Izatifikethi zoviwo lwangoNovemba 2014 ezazikhutshwe ngo-2015 mazibuyiselwe kwaNdlunkulu ungadlulanga owe-30 Juni 2016. Le nkqubo mayiphinde yenziwe kwakhona ngonyaka ngamnye.

2. Izatifikethi ekungenziwanga mabango ngazo ziya kugcinwa ngokunqatyisiweyo kwaNdlunkulu isithuba seminyaka emithathu (3) ukulungiselela xa zinokuza kuthathwa ngumnini-satifikethi, emva koko ziya kuthi zitshatyalaliswe.

3. Abathathi-nxaxheba abachaphazelekayo kufuneka kwakhona bahambelane mbo nemimiselo, imigaqo-nkqubo kunye neMiyalelo ka-Umalusi (*Umalusi Directives*) malunga noku kulandelayo:

   (a) Izatifikethi ekungenziwanga mabango ngazo (*unclaimed certificates*) mazithathwe kwiindawo ezilandwa kuzo kwisithuba sonyaka omnye (1) emva kokuba ziphumile.

(b) Izatifikethi mazithathwe njengezinexabiso kakhulu yaye zigcinwe ngokunqatyisiweyo ngawo onke amaxesha.

(c) Abanini-satifikethi mabaziswe xa izatifikethi zilungele ukuzokuthathwa yaye ukuziswa kwazo makwenziwe phantsi kweemeko ezikhuselekileyo.

4. Kucelwa izikolo ukuba zibuyisele izatifikethi ekungakhange kwenziwe mabango ngazo (*unclaimed certificates*) neziya kuqwalaselwa ngulo: *Mr Zane Isaacs*, *Directorate: Examinations, 5th Floor*, *Room 502, Grand Central Building, Cape Town, 8001*.

5. Fumana apha kuqhotyoshelwe isatifikethi sokungqina ukususwa nokubuyiselwa kwezatifikethi (*clearance certificate*), esiya kuzaliswa zizikolo ukungqina ukuba zonke izatifikethi zaloo minyaka ichaziweyo zisusiwe zaze zabuyiselwa kwaNdlunkulu.

6. Imibuzo emalunga nokubuyiselwa kwezatifikethi ekungakhange kwenziwa mabango (*unclaimed certificates*) ngazo mayibhekiswe kuMnu Z Isaacs kwifeksi 086 514 8044 okanye ku-021 461 5637.

7. Intsebenziswano yakho malunga noku iya kuthakazelelwa.

**ISAYINWE:** NGU-BK SCHREUDER
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEEMVIWO NOVAVANYO**
**UMHLA:** 2016-06-07